Isifundo 1

**Matshi 25-31*

Umntu OnguPetros

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Luka 5:1–11; Mat. 16:13–17; Mat. 14:22–33; Luka 22:31–33, 54–62; Gal. 2:11–14.

Indima Yenkumbulo:
“Ke kaloku, ebona umoya onamandla, woyika; waza eqala ukutshona wakhala, esithi, Nkosi, ndisindise. Wasolula kwa-oko ke isandla uYesu, wambamba, wathi kuye, ehla wena ukholo luncinane, uthandabuzelani na” (Mateyu 14:30, 31).

UPetros ungumbhali weencwadi ezimbini (1 no-2 Petros) ezinegama lakhe. Wayengomnye wabalandeli bokuqala bakaYesu; wabakunye noYesu ngexesha lomsebenzi weNkosi apha; waye engomnye wabafundi bokuqala ukulibona ingcwaba elingenamntu. Ngoko ke, uPetros wayenendyebo yamava awathi kuwo, ngokuphefumlelwa nguMoya Oyingcwele, wakwazi ukukhupha ukuze abhale ezi leta zinamandla. “Kuba sithe, singalandelanga zintsomi zabuqhinga, sanazisa amandla nokufika kweNkosi yethu uYesu Kristu; sithe saba ngababoneli bobungangamsha bakhe” (2 Pet. 1:16).

UPetros ubonakala rhoqo eziVangelini, etyhila ukoyisa nokuwa phantsi kwakhe. Wayekholisa ukuba sisithethi sabafundi kwiingxoxo zabo noYesu. Emva kovuko nokunyuka, uPetros waba yinkokheli ebalulekileyo yebandla lokuqala. Incwadi yeZenzo ithetha ngaye, njengoko isenza incwadi yabaseGalati.

Okubaluleke kakhulu, uPetros wayekwazi ukuba kukuthini ukwenza impazamo, ukuxolelwa, nokubheka phambili ngokholo nokuzithoba. Ezibonele ngokwakhe ubabalo lukaThixo, uhleli elilizwi elinamandla kuthi sonke esiludingayo nathi olo babalo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 1.*

Mka Kum!

Ukuhlangana kwethu okokuqala noPetros, ungumlobi kulwandle lwaseGalili (Mat. 4:18, Marko 1:16, nakuLuka 5:1–11). Wayesebenza ubusuku bonke engade abambe ntlanzi. Kwenzeka kodwa, ukuba, yena namaqabane akhe, bawuthobele umyalelo kaYesu wokuba babuyele elwandle bazame kwakhona. Ukukhwankqiswa okungako xa uPetros nabanye babambisa imfumba yeentlazi, phantse yatshona imikhombe yabo! Kunokuba kwakusenzeka ntoni ezingqondweni zabo emva kwalo mmangaliso?

Funda Luka 5:1–9. Amazwi kaPetros aya kuYesu akuLuka 5:8 asixelela ntoni ngoPetros? Oko kukuthi, asibonisa ntoni ngendawo awaye kuyo ngokwasemoyeni?

_____

_____

_____

UPetros watsalwa umdla koko wayekwazi ngoYesu. Nangaphambi kommangaliso, xa uYesu wathi kwiqela malitshonise iminatha, uPetros, naxa wayengakholwa kuba babengazange babambe nto, kodwa wathi: "ngelakho ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatha." Kubonakala ngathi yayisele ikho into ayaziyo uPetros ngoYesu, lwaza olu lwazi lwamnyanzela ukuba athobele. Ngokwenene, ubungqina buxela ukuba uPetros wayekhe wanaye uYesu okwexesha elithile phambi kwesi siganeko. Mhlawumbi esinye isitshixo sikuLuka 5:3, esithetha ngoko kwenzekayo phambi kommangaliso weentlanzi. "Wathi ke [uYesu], engene komnye umkhombe, owawungokaSimon, wamcela ukuba akhe, akhwelelise kancinane emhlabeni; waza, ehleli phantsi, wamana ezifundisa izihlwele esemkhombeni apho." Sekunjalo, emva kommangaliso, uPetros wanakana ukuba kuninzi okulapha kuYesu, okungcwele xa kuthelekiswa nokuba nesono kwakhe [Petros]. Ukubuqonda kukaPetros ukuba nesono kwakhe, nokuba nentumekelelo ukukuvuma ekuhleni, kubonisa ukuba wayephandle kanjani eNkosini. Asimmangaliso ke ukuba wabizwa! Nokuba zazinjani iziphoso zakhe, kwaye zazininzi, uPetros wayeyindoda yomoya eyayikulungele ukuyilandela iNkosi, nokuba kuxabisa ntoni.

Funda: Luka 5:11. Uthini umthetho-siseko obalulekileyo apha? Isixelela ntoni le ndima ngohlobo lokuzinikela alufuna kuthi uYesu? Ikwasixelela ntoni into yokuba aba balobi babanentumekelelo ukuncama yonke into yakuba iminatha yabo ingcwele?

_____

Ukumvuma UKristu

Omnye wemizuzu emihle kwibali likaYesu, ngowengxoxo kunye noPetros. UYesu wayesanda kuthetha nabanye bababhali nabaFarisi ababemtyhala ukuba abanike umqondiso, into yokubonisa ukuba ungubani na (bona Mat. 16:1–4). Kufutshane emva koko, ekunye nabafundi, uYesu wathetha ngemimangaliso emibini awayeyenzile, apho' kabini, wondla amawaka ngezonka neentlanzi ezimbalwa. Wakwenza konke oku ejongene nokulumkisa abafuni "[nge]gwele labaFarisi nabaSadusi" (Mat. 16:11).

Funda Mateyu 16:13–17. Kwenzeka ntoni apha? Abaluleke ngantoni amazwi kaPetros awabhekisa kuYesu?

UPetros wathetha apha ngokuphandle ngokholo lwakhe kuYesu. Kuyacaca kuMateyu 16:20 ukuba ukuvuma kwakhe uKristu njengoMesiya babenako nabanye. Oku, yaba kukujika kwezinto kulungiselelo lukaYesu, nangona abafundi, kuquka noPetros, babenokuninzi ekwakusafuneka bekufundile. "Abafundi babesalindele ukuba uKristu alawule njengenkosi yasemhlabeni. Nangona wayelifihle ixesha elide icebo laKhe, babekholwa ukuba wayengasayi kusoloko ehleli entluphekweni nasemfihlakalweni; ixesha lalikufuphi xa aya kumisela ubukumkani baKhe. Eyokuba intiyo yababingeleli nabafundisi yayingasayi kuze yoyiswe, eyokuba uKristu wayeya kwaliwa kanye sisizwe saKhe, agwetywe njengomkhohlisi, abethelelwe njengesikrelemnqa,—ingcamango enjalo ayizange yabakho kubafundi."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 415.

Ngako nje ukuba abafundi bamamkele uYesu njengoMesiya, uYesu waqala ukufundisa ukuba kufuneka ephatheke kakubi afe (bona Mat. 16:21–23), ingcamango angazange ayamkele uPetros. UPetros wada wafikelela apho "emngxolisa" uYesu. UYesu uye wabuyela kuPetros wathi, "Suka uye emva kwam, Sathana" (Mat. 16:23). Le, yenye yezona ntetho zibukhali awakha wazibhekisa nakubani ngexesha lokusebenza kwaKhe; kanti ke, wayenzela ukulungelwa kukaPetros. Amazwi kaPetros ayebonisa eyakhe iminqweno, ingqondo yakhe yomona ngento awayeyifuna. Kwafuneka uYesu amnqande ese kuloo ndlela, ngoko nangoko (nangona uYesu wayengathethi noSathana buqu, uPetros wasifumana isigidimi). UPetros wayedinga ukufunda ukuba ukusebenzela iNkosi kuya kuquka ukubandezeleka. (bona 1 Pet. 4:12).

Kukangaphi iminqweno yakho ingqubana nento owaziyo ukuba uThixo ufuna uyenze? Usenza njani isigqibo sokuba mawenze ntoni kwezo meko?

Matshi 28

Ukuhamba Phezu Kwamanzi

Ngexesha lokuba kunye noYesu, abafundi babona izinto ezincamisileyo, nangona zimbalwa ezinokuthelekiswa neziganeko ezichazwe kuMateyu 14:13–33, Marko 6:30–52, noYohane 6:1–21. UYesu wasebenzisa amaqebengwana esonka neentlanzi ezimbini ukondla ngaphezu kwama-5000 abantu. Kwakhona, kunokuba kwakusenzeka ntoni ezingqondweni zabo emva kokubona into enje ngale?

Funda Mateyu 14:22–33. Sesiphi esona sigidimi sibalulekileyo esinokuzithabathela sona kweli bali ukusinceda kolwethu uhambo neNkosi?

Ekondliweni kwesihlwele, la madoda ayebone amandla kaYesu ngokuncamisileyo. Ngokwenene, wayenolawulo kulo lonke ilizwe elidaliweyo. Kunokuba yinto le eyenza ukuba uPetros enze ngesibindi okanye ngobuganga isicelo: “Nkosi, ukuba nguwe, yitsho ndize kuwe ndihamba phezu kwamanzi” (Mat. 14:28). Ukholo olungako!

UYesu waluvuma olu kholo waza wathi kuPetros makeze, nto leyo awayenzayo, nayo eyayikwakukubonisa ukholo lukaPetros. Ngekwakuvakele ukuhamba phezu kwamanzi ukuba kwakuzolile, kodwa uPetros wakwenza oko kukho uqhwithela. Isifundo esiqhelekileyo sebali singokususa amehlo ethu kuYesu. Sekunjalo, kukho okungaphezulu. UPetros, ngokuqinisekileyo, wayethembele kuYesu, okanye ngewayengazange wasenza isicelo akugqiba asenze. Phofu ke, ngako nje ukuba enze, waqala ukoyika, waza koko koyika, waqala ukutshona. Ngokuba kutheni? Ingaba uYesu wayengenakho ukumgcina edada uPetros nokuba uyoyika? UYesu, sekunjalo, wamvumela uPetros ukuba afikelele kwindawo apho angenakwenza nto ngaphandle kokuba akhale ngokungabi nakuzinceda, “Nkosi, ndisindise!” (Mat. 14:30). UYesu wasolula isandla saKhe wenza kanye le nto uPetros wayeyicela. Into yokuba “wasolula kwa-oko ke isandla uYesu, wambamba,” (Mat. 14:31), nangona uYesu wayenakho ukumgcina edada engamchukumisanga, ngokuqinisekileyo, yamenza uPetros ukuba akuqonde ukuba kungakanani ekufuneka ekufundile ukuxhomekeka kuYesu.

Singaluqala uhambo ngokholo olukhulu, sithembe amandla eNkosi yethu, kodwa xa imeko iqala ukusoyikisa, sidinga ukukhumbula amazwi kaYesu kuPetros: “Wena ulukholo luncinane, uthandabuzelani na?” (Mat. 14:31).

Ukukhanyela INkosi Yakhe

Funda Luka 22:31–34, 54–62. Zifundo zini esinokuzifunda ngokusilela kukaPetros?

Iinjongo zikaPetros zazilungile. Kwaye, phofu, wabonakalisa ukuba nesibindi kunokuba abanye abafundi benza. Waya wamlandela uYesu ukuze afumane ukuba yintoni eyayiza kwenzeka kuYe. Ngokwenza njalo, wagqiba ukuba azifihle ukuba ungubani kanye. Oku kuhlangabezana, noku kuthi cebu endleleni yoko kulungileyo nokuhle, kwamkhokelela ekuyikhanyeleni iNkosi kathathu, kanye ngohlobo uYesu awayemlumkise ngalo. Ibali likaPetros kule ndawo, ngendlela elusizi, lifundisa ngendlela esitshabalalisa ngayo isiphumo sokuhlangabezana okanye sokuyiyekelela imeko. Njengoko sisazi, imbhali yobuKristu ingcoliswe ziziphumo ezibi ezenzeka xa kuyekelelwa iinyaniso ezibalulekileyo. Nangona ubomi buthanda ukuquka ukuyekelela, kwaye kuyafuneka ukuba ngamanye amaxesha sikulungele ukunika sithabathe, kodwa kwiinyaniso ezingundoqo kufuneka sime siqine. Njengabantu, kufuneka sifunde ukuba ziintoni emasingaze siziyekelele, naphantsi kweziphi iimeko (khangela, umzekelo kwisiTy. 14:12).

NgokukaEllen G. White, ukuyekelela kukaPetros nokuwa phantsi, kwaqala eGetsemane xa, endaweni yokuthandaza, walala, waza ngaloo ndlela akakulungela ngokwasemoyneni oko kwakusiza. Ukuba wayethembekile ekuthandazeni, ubhala athi, "ngewayengazange wayikhanyela iNkosi." *The Desire of Ages,* p. 714. Ewe, uPetros wasilela ngendlela embi. Sekukukhulu kangako ukusilela kwakhe, ubabalo lukaThixo lwanikwa kakhulu. "Ke apho sandayo isono, lwaphuphuma ngakumbi ubabalo" (Rom. 5:20). Luxolelo lukaYeshu olwamenza uPetros abe yenye yeenkokheli eziphambili kwibandla lobuKristu lokuqala. Athi, ukubaluleka kwesifundo sethu sonke ngokuqiniseka kobabalo lukaThixo. Isifundo esikhulu kuthi sonke sokuba, sekukho ukusilela kwethu, kufuneka sibheke phambili ngokholo! Ewe, uPetros wayekwazi ukuba kuthetha ntoni ukuxolelwa. Wazi kuye kanye ukuba zingantoni iindaba ezilungileyo, kuba waba namava, kungekuphela nje kobunyaniso bokuba nesono komntu, kodwa nobukhulu nobunzulu bothando nobabalo lukaThixo ngakuboni.

Singakufunda njani ukubaxolela abo baye basidanisa kakhulu ngolu hlobo uPetros wadanisa ngalo uYesu apha?

UPetros Njengenkokheli Yebandla

Ngexesha lokusebenza kukaYesu, uPetros wayesoloko edlala indawo yenkokheli kubafundi abali-12. Wayesisithethi sabo esiqhelekileyo. Xa uMateyu esenza uludwe lwabafundi, uthi, "kuqala, uSimon ekuthiwa nguPetros" (Mat. 10:2). UPetros ukwabambe indawo ebalulekileyo kwibandla lokuqala. YayinguPetros owahamba phambili ukuba kunyulwe umfundi endaweni kaYuda Iskariyoti, owangcatsha uYesu (I-Zenzo 1:15-25). Ngemini yePentekoste, nguPetros owachazela inginginya ukuba yayibona isipho sikaMoya esasithenjisiwe sithululwa nguThixo phezu kwabantu baKhe (IZenzo 2:14–36). YayinguPetros owathi, xa ebanjwa ngenxa yokuthetha ngovuko lwabafileyo, wathetha nombingeleli omkhulu neenkokheli zobuYuda ezazibuthele (IZenzo 4:1–12). YayinguPetros owakhokelelwa kuKorneli, iNtlanga yokuqala ukwamkelwa njengomlandeli kaYesu (IZenzo 10:1–48). YayinguPetros owatyelelwa nguPawulo iintsuku ezili-15 xa uPawulos wayesiza okokuqala eYerusalem emva kokuguquka kwakhe (Gal. 1:18). Ngokwenene, echaza isikhungu sabalandeli bakaYesu eYerusalem, uPawulos ukhankanya "iintsika" ezintathu zebandla: uPetros, uYakobi umzalwana kaYesu, noYohane ongumfundi othandwayo (Gal. 2:9).

Funda Galatians 1:18, 19; 2:9, 11–14. Zisixelela ntoni ezi ndima ngoPetros, nangona wayesele esebenza phambili kwibandla lokuqala?

_____

Nanjengenkokheli yebandla, nanjengomnye ekucacileyo ukuba ubiziwe yiNkosi (uYesu wathi kuPetros, "Dlisa izimvu zam" [Yohane 21:17]), nanje ngowafumana umbono ngokuba angabizi "[u]mntu ngokuthi uyinqambi, ungongcolileyo" (I-Zenzo 10:28), uPetros wayesenako ukukhula ekufuneka ekwenzile. Kwimihla yokuqala yebandla, phantsi onke amaKristu ayengamaYuda, amaninzi kuwo "ewuzondelele umthetho" (IZenzo 21:20). Ekuwuchazeni kwawo umthetho, ukutya neeNtlanga kwaba yingxaki ngenxa iiNtlanga zazithatyathwa njengenqambi. Xa amanye amaKristu amaYuda ayesuka kuYakobi eYerusalem, uPetros wayeka ukutya neentlanga e-Antiyokwe. KuPawulos, ukuziphatha ngolo hlobo, kwaye ikukuhlasela igospile uqobo. Wazibona izenzo zikaPetros zikukuhanahanisa okuphandle akoyika ukumhlasela ngazo. Kakuhle, uPawulos walisebenzisa eli thuba efundisa ngenkolo yobuKristu: ukugwetyelwa ngokholo kuphela. (bona Gal. 2:14–16).

Nangona wayebizwe nguThixo, uPetros wayesenawo amachaphaza athile amnyama awayedinga ukulungiswa. Sisabela njani xa abanye besalatha awethu "amachaphaza amnyama"?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, *The Desire of Ages,* "The Call by the Sea," pp. 244–251, "A Night on the Lake," pp. 377–382. Ukususela ekuvumeni komlobi ukuba nesono kwakhe kuse ekuvumeni kwakhe ngesibindi, esithi kuYesu, "Wena unguye uKristu, unyana kaThixo ophilileyo" (Mat. 16:16), kuse ekukhanyeleni okubi iNkosi nakuloyiso lwakhe kunye neempazamo zakhe njengenkokheli ebandleni, uPetros, ngokuqinisekileyo, waye engumdlali ophambili. Ngenxa yoko, phantsi kwenkokhelo engenasikhwasilima kaMoya Oyingcwele, waba nokubhala oko wakubhalayo, kungaphumi kulwazi nje oluthethwayo, kodwa emaveni ngokwayo. Wayengazi kuphela ubabalo olusindisayo lukaKristu, kodwa nobabalo oluguqulayo: "Ngaphambi kokuwa kwakhe [uPetros] okukhulu, wayesoloko ephambili, engusomagunya, ethanda ukulawula, esuka aphahluke nje ngobushushu bomzuzwana. Wayesoloko ekulungele ukulungisa abanye nokuyithetha ingqondo yakhe engekaqondi kwayena okanye kwaloo nto ayithethayo. Sekunjalo, uPetros waguquka, waza uPetros oguqukileyo wahluka kakhulu kuloo Petros wayesisityhuthutyhuthu esingxamayo. Nangona wakugcina ukutshiseka kwakhe kwangaphambili, ubabalo lukaKristu lwayilawula inzondelelo yakhe. Endaweni yokungxama, nokuzithemba, kunye nokufuna ukuziphakamisa, wayezolile, ezibamba, efundiseka. Wayenako, ke ngoko, ukuzondla iimvana kunye nezimvu zomhlambi kaKristu."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 5, pp. 334, 335. Ngubani phakathi kwethu ongenako ukuthi, ngandlela ithile, azayamanise noPetros? Ngubani ongakhange athi, ngamathuba athile, ayimele aqine inkolo yakhe? Ingubani ongakhange athi, ngamaxesha athile, awe phantsi ngendlela emangalisayo?

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Isixelela ntoni ngobabalo lukaThixo le nto yokuba, nasemva kokumkhanyela okulihlazo uYesu, uPetros wayesaza kudlala indawo ebaluleke kangako, kungekuphela kwibandla lokuqala, kodwa nakwinkolo yobuKristu ngokwayo? (Ukudlula apho, wabhala inxalenye yeTestamente eNtsha.) Zifundo zini esinokuzifumana ngokubuyiselwa kwakhe ngendlela emasibaphathe ngayo abo bathe, endleleni yabo, bamphoxa uThixo?

2. Eklasini, thethani ngakumbi ngengozi yokuyekelela kwebandla. Singazi njani ukuba kukweziphi izinto esidinga ukunika sithabathe, izeziphi esinganakho, naphantsi kweziphi iimeko, ukuyekelela? Yeyiphi imizekelo esinokuyifumana embalini yebandla yokuyekelela eyakhokelela kwintlekele? Zifundo zini esinokuzifunda kwezi ziganeko?

3. UPetros wazifunda ezinye izifundo ngendlela enzima. Ngokubona iimpazamo zakhe, singazifunda njani izifundo ekudingeka ukuba sizifunde, kodwa ngendlela elula kunaleyo wafunda ngayo uPetros?

Notes